<b>Implementation Data - AOP (Key deliverables measured)</b>	As per annual operational plan

<b>Indicator number</b>	1.2
<b>Indicator title</b>	Number of facilities upgraded or maintained to ensure suitability and safety for users
<b>Short definition</b>	To maintain facilities to acceptable standards to meet the needs of clients and ensure safety of users.
<b>Purpose</b>	To provide facilities that communities can utilise for programmes/initiatives
<b>Key Beneficiaries</b>	Users
<b>Source of data</b>	Entity information
<b>Data Limitations</b>	None
<b>Assumptions</b>	Facilities to be utilised
<b>Means of verification</b>	Procurement documents (invoices and payment stubs); maintenance plan
<b>Method of calculation</b>	Count
<b>Calculation type</b>	<input type="checkbox"/> Cumulative <input type="checkbox"/> Year-end <input type="checkbox"/> Year-to-date <input checked="" type="checkbox"/> Non-cumulative
<b>Reporting cycle</b>	<input type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input checked="" type="checkbox"/> Annually <input type="checkbox"/> Biennially
<b>Desired performance</b>	<input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower than target
<b>Type of indicator</b>	<p>Is this a Service Delivery Indicator?</p> <p><input type="checkbox"/> No <input checked="" type="checkbox"/> Yes, Direct Service Delivery</p> <p>If yes, confirm the priority area/s that the deliverable measured through this indicator will improve:</p> <p><input checked="" type="checkbox"/> Access <input type="checkbox"/> Reliability <input type="checkbox"/> Responsiveness <input type="checkbox"/> Integrity</p> <p>Is this a Demand Driven Indicator?</p> <p><input type="checkbox"/> Yes <input checked="" type="checkbox"/> No</p> <p>Is this a Standardised Indicator?</p> <p><input type="checkbox"/> Yes <input checked="" type="checkbox"/> No</p>
<b>Spatial Location of Indicator</b>	<p>Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations</p> <p>Extent:</p> <p><input type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address</p> <p>Detail / Address / Coordinates: .....</p> <p>For <b>multiple delivery locations</b>, will this be shared in the Annual Operational Plan (AOP)</p> <p><input type="checkbox"/> No <input checked="" type="checkbox"/> Yes</p>
<b>Indicator responsibility</b>	Responsibility manager
<b>Spatial Transformation</b>	<p>Spatial transformation priorities:</p> <p>Description of spatial impact: Provision of safe and suitable spaces</p>
<b>Disaggregation of beneficiaries - Human Rights groups</b>	<p>Target for women: N/A</p> <p>Target for youth: N/A</p> <p>Target for people with disabilities: N/A</p> <p>Target for older persons: N/A</p> <p><input type="checkbox"/> None of the above</p>
<b>Provincial Strategic Implementation Plan (PSIP)</b>	<p><input checked="" type="checkbox"/> G4 Jobs <input checked="" type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Well-being</p> <p><input type="checkbox"/> Innovation, Culture and Governance <input type="checkbox"/> None of the above</p>
<b>Implementation Data - AOP (Key deliverables measured)</b>	As per annual operational plan

<b>Indicator number</b>	1.3
<b>Indicator title</b>	Number of users accessing the cultural facilities
<b>Short definition</b>	Usage of the cultural facilities for various activities by non-government users
<b>Purpose</b>	To provide a conducive environment for users of the facilities to execute their programmes
<b>Key Beneficiaries</b>	Communities
<b>Source of data</b>	Booking system
<b>Data Limitations</b>	System failure
<b>Assumptions</b>	Facilities will be booked
<b>Means of verification</b>	Booking reports and booking register
<b>Method of calculation</b>	Count
<b>Calculation type</b>	<input type="checkbox"/> Cumulative <input type="checkbox"/> Year-end <input type="checkbox"/> Year-to-date <input checked="" type="checkbox"/> Non-cumulative
<b>Reporting cycle</b>	<input type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input checked="" type="checkbox"/> Annually <input type="checkbox"/> Biennially
<b>Desired performance</b>	<input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower than target
<b>Type of indicator</b>	<p>Is this a Service Delivery Indicator?</p> <p><input type="checkbox"/> No <input checked="" type="checkbox"/> Yes, Direct Service Delivery</p> <p>If yes, confirm the priority area/s that the deliverable measured through this indicator will improve:</p> <p><input checked="" type="checkbox"/> Access <input type="checkbox"/> Reliability <input type="checkbox"/> Responsiveness <input type="checkbox"/> Integrity</p> <p>Is this a Demand Driven Indicator?</p> <p><input checked="" type="checkbox"/> Yes <input type="checkbox"/> No</p> <p>Is this a Standardised Indicator?</p> <p><input type="checkbox"/> Yes <input checked="" type="checkbox"/> No</p>
<b>Spatial Location of Indicator</b>	<p>Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations</p> <p>Extent:</p> <p><input type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address</p> <p>Detail / Address / Coordinates: .....</p> <p>For <b>multiple delivery locations</b>, will this be shared in the Annual Operational Plan (AOP)</p> <p><input type="checkbox"/> No <input checked="" type="checkbox"/> Yes</p>
<b>Indicator responsibility</b>	Responsibility manager
<b>Spatial Transformation</b>	<p>Spatial transformation priorities:</p> <p>Description of spatial impact: Provision of diverse spaces</p>
<b>Disaggregation of beneficiaries - Human Rights groups</b>	<p>Target for women: N/A</p> <p>Target for youth: N/A</p> <p>Target for people with disabilities: N/A</p> <p>Target for older persons: N/A</p> <p><input type="checkbox"/> None of the above</p> <p>The structures (e.g., NGOs, schools etc..) booking the facilities, roll out programmes for specific target groups such as mentioned above.</p>
<b>Provincial Strategic Implementation Plan (PSIP)</b>	<p><input type="checkbox"/> G4 Jobs <input checked="" type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Well-being</p> <p><input type="checkbox"/> Innovation, Culture and Governance <input type="checkbox"/> None of the above</p>
<b>Implementation Data - AOP (Key deliverables measured)</b>	As per annual operational plan

## Annexure A: Amendments to the Strategic Plan

n/a

## Annexure B: Conditional grants

n/a

## Annexure C: Consolidated indicators

n/a

## Annexure D: District Development Model

Areas of Intervention (examples)	Medium Term (3 years - MTEF)					
	Location: GPS coordinates	Project Description	Budget Allocation R'000	District Municipality	Project leader	Social partners
Melkbos Cultural Facility	Latitude: -33.736188 Longitude: 18.438899	Maintenance of facilities	2024/25 R 4 264	City of Cape Town	Craig Johnson	Stellenbosch Municipality
Melkbos OppieSee Cultural Facility	Latitude: -33.740373 Longitude: 18.442458		2025/26 R 2 892	City of Cape Town		
Groot Drakenstein Cultural Facility	Latitude: -33.833028 Longitude: 18.963765		2026/27 R 3 025	Cape Winelands		
Bien Donne Manor House	Latitude: -33.833028 Longitude: 18.963765			Cape Winelands		
Okkie Jooste Cultural Facility	Latitude: -33.965293 Longitude: 18.925112			Cape Winelands		
Koekenaap Cultural Facility	Latitude: -31.52710704 Longitude: 18.2526466			Cape Winelands		
Schoemanspoort Cultural Facility	Latitude: -33.44226 Longitude: 18.2526466			West Coast		
				Garden Route		



URhulumente  
weNtshona Koloni



Western Cape Cultural Commission  
Wes-Kaapse Kultuurkommissie  
IKhomishoni yeNkubeko yeNtshona Koloni

IMicimbi yeNkubeko neMidlalo

# IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka 2024/2025



# IZIQUULATHO

INGXELO YOGUNYAZIWE WESIGQEBA.....	24
INGXELO YOGUNYAZIWE ONIKA INGXELO .....	24
UTYIKITYO OLUSESIKWENI.....	25
IZIFINYEZO .....	26
<b>ICANDELO A: ISIGUNYAZISO SETHU .....</b>	<b>27</b>
1. ISIGUNYAZISO SOMGAQO-SISEKO.....	27
2. IZIGUNYAZISO ZOWISO-MTHETHO NEZOMGAQO-NKQUBO.....	28
3. IMIGAQO-NKQUBO YEZIKO NAMAQHINGA KWISITHUBA SOCWANGCISO SEMINYAKA EMIHLANU .....	29
3.1. Izigwebo ezifanelekileyo zeNkundla .....	30
<b>ICANDELO B: ESIJOLISE KUKO KWEQHINGA.....</b>	<b>31</b>
4. UHLAHLELO LWESIMO.....	31
4.1. UHLahlelo IweSimo saNgaphandle.....	31
4.2. UHLahlelo IweSimo saNga-phakathi.....	32
<b>ICANDELO C: UKULINGANISWA KOMSEBENZI WETHU.....</b>	<b>36</b>
5. INGCACISO YOMSEBENZI WENKQUBO YEZIKO .....	34
6. INKCAZELO YOMSEBENZI OCWANGCISIWEYO KWISITHUBA ESIPHAKATHI .....	35
7. UKULUNGELELANISWA KOKUJOLISWE KUMSEBENZI KUNYE NOQIKELELO LOHLAHLO LWABIWO-MALI NENCITHO YEMTEF.....	36
8. UKUHLAZIYWA KWEMINGCIPHEKO ENGUNDOQO .....	37
9. IIPIROJEKI ZEZIBONELELO .....	38
10. UTHELELWANO LWAMASHISHINI KARHULUMENTE NAWANGASESE .....	38
<b>ICANDELO D: IINKCAZELO ZOMGQUALISELA WOBUCHULE (TID).....</b>	<b>39</b>
<b>ICANDELO E: ISIHLOMELO .....</b>	<b>42</b>


## INGXELO YOGUNYAZIWE WESIGQEBA

Iinjongo zeqhiga ezicetywayo zeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) zihambelana namagunya kunge noxanduva olunikezelwe kuyo yiKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 14 we-1998). I-WCCC icebisa uMphathiswa ngemicimbi ephatthelele kubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngeli thuba isebezencia ukulondoloza, ukukhuthza nokupuhhlisa inkcubebe. Ngokusetyenziswa kwamangenelo eqhinga nemisebenzi, iWCCC ikhuthaza ulwazi nobunye phakathi koluntu lwenkcubeko eyahlukaneyo Iwephondo.

Esi siCwangciso soNyaka sokuSebenza sandlala iinjongo zonyaka-mali wama-2024/25 eziya kuthi zifezekiswe yiKhomishini ukukhuthaza ubandakanyeko Iwentlalo neyantukwano. IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza sandlala ekugxilwe kuko okuthe ngqo ekufuneka kuhlangatyezwe ukuqinisekisa ngento yokuba iWCCC isebeza ibhekiselele kwilijongo zayo nokuqinisekisa into yokuba iingxowa-mali zikarhulumente zichithwa ngokulungileyo nangokufanelekileyo ukuniha ifuthe elilungiklevo kwabo ibasebenzelayo.

Ekuzalisekisweni kweemfuno zeCandelo 55 (1) (d) loMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 we-1999) kunge neCandelo 28.2 leMimiselo yeCandelo loLawulo-mali IweSizwe, iWCCC ingenisa rhoqo ngekota iingxelo ezingokusebenza kwayo ezisekwe kwilijongo zeqhinga nekugxilwe kuko konyaka kulungiselelwu unyakamali. IKomiti eSigxina yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iya kusebenzia indima yalo yokongamela, yaye iya kuthwalisa uxanduva iWCCC ngendlela ethi isebezenze ngalo abemi beNtshona Koloni.

Ibalulekile into yokuba iWCCC iqbubeke ngokukhulisa icandelo lobugcisa nenkcubeko, ukuqinisekisa ngempilontle yomphefumlo kunge nempilo-ntle yoluntu ngokubanzi. Umsebenzi oququzelelwu yiWCCC unikezela ngethemba kuninzi kweli candela yaye iyangqineka into yokuba ukuzinikela kwayo kwenze impembelelo ebonakalayo kuluntu. Ndiziqhawela izandla iinzame zeWCCC zokukhuthaza, zokupuhhlisa, nezokulondoloza inkcubebe yeNtshona Koloni ngonikezelo Iwayo oluuhlangeneyo nolwahlukaneyo.



**Anroux Marais**  
**UGunyaziwe weSigqeba weKhomishini yeNkcubeko**  
**yeNtshona Koloni**

## INGXELO YOGUNYAZIWE ONIKA INGXELO

IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni liqumrhu elisemthethweni elisekwre ngokwemiqathango yoMthetho weKhomishini yeNkcubeko neBhunga leNkcubeko leNtshona Koloni, 1998. Isigunyaziso seWCCC kukucebisa uMEC onoxanduva IweMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokulondolozwa, ukukhuthazwa nokupuhhlisa kobugcisa nenkcubeko kwiPhondo leNtshona Koloni. I-WCCC liqumrhu likarhulumente elinguShedyuli 3C.

Kuluvuyo ukunikezela ngesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2024/2025. Emva kokupuhhlisa yiKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngentsebenziswano noMEC kunge nabasebenzi beSeBe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ndinengqiseko yokokuba iAPP sisicwangciso esicingwe kakuhle ukuqinisekisa ngento yokokuba iWCCC kunge neDCAS ziqaqhubeuka ngokunikezela ngeenkonzo eziphuculweyo kubo bonke abahlali beNtshona Koloni, iWCCC igxininisita into yokuba isicwangciso kufuneka ubukhulu similiselwe ngendlela apha ephucule ukuLunga koBomi becandelo lenkcubeko elisesichengeni loluntu Iwethu, ukulungiselela ukwakhwiha koluntu olomeleleyo, oluhambelanayo noluzinzileyo.

Ngeli thuba okona kugxilwe kuko kwisicwangciso ikukunikezela ngeenkonzo kubo bonke abahlali beNtshona Koloni, iWCCC iyayigxinisita into yokuba isicwangciso kufuneka ubukhulu similiselwe ngendlela apha ethi siphucule ukuLunga koBomi bamacandelo asesichengeni enkcubeko oluntu Iwethu, ukulungiselela ukwakhwiha koluntu olomeleleyo, olulungeleleneyo noluzinzileyo.

Kuyandonwabisu ukuqaqambisa okokuba ukulunga nempembelelo yeenqubo ekufuneka zimiliselwe ngesithuba sonyaka-mali wama-2024/2025 ziya kuphucuka xa kuthelkiswa neenkubo ezixhaswe ngemila ngesithuba soNyaka-mali wama-2023/24. Uphucuko kukulunga nempembelelo luya kwandiswa ngokukhulisa kwenkxaso kumaBhunga eNkcubeko okunomphumela ovela kukwandiswa kwenkxaso yenkxaso-mali enikezelwa nguMEC weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo: uNksk A. Marais. Siayibulela inkxaso yakhe engagungqiyo, isikhokhelo kunge nobulumko.

Kwangomgama omnye, ukugcinwa kwamaziko aphethwe yiWCCA yaye elawulwa yiDCAS kuya kuphucuka. Umtetho-siseko kusebenza ngobambiswanonofikelelo kwamaziko achaziweyo avuliweyo kwinqanaba eliphakamileyo ukuqinisekisa ngento yokuba abantu abaninzi bayu khuthazwa okokuba basebenzise amaziko ethu kupuhhliso Iwezakhono, kwimisebenzi yenkcubeko neyolonwabo.

Ukuqukumbela ingxelo, mandenze esi sikhalo sihlabayo kubasebenzi beSeBe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo abathe basebenza kakuhle kakhulu kwiminyaka engaphambili baphinda-phinde iinzame zabo nokuzinikela ngesithuba sonyaka-mali wama-2023/24. Ukuzinikela kwenu nobuchule buya kusoloko buncomeka kakhulu ngabantu beNtshona Koloni kunge noMzantsi Afrika.



**Lungelo Nokwaza**  
**USihlalo: IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona**  
**Koloni**  
**Egameni loGunyaziwe onika iNgxelo weKhomishini**  
**yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

## UTYIKITYO OLUSESIKWENI


Kuyaqinisekisa okokuba esi siCwangciso seQhinga:

- Saphuhliswa ngabalawuli beKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa.
- Sithathela ingqalelo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, imithetho kunye nezinye izigunyaziso apha iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni inoxanduva khona.
- Sibonakalisa ngokuchanekileyo iMpembelelo, iziPhumo kunye neMiphumela yenqubo apha iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni iya kuzamela ukuyifezekisa kwisithuba sonyaka-mali wama-2024/25.



**Brenda Rutgers**

**IGosa eliyiNtloko leMali**



**Lungelo Nokwaza**

**USihlalo: WCCC**



**Guy Redman**

**IGosa eliNika iNgxelo: DCAS**

**Yamkelwe ngu:**



**Anroux Marais**

**UGunyaziwe weSigqeba weWCCC**

## IZIFINYEZO

AA	UGunyaziwe oNika iNgxelo
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
BBBEE	UkuXhotyiswa kwabaNtsundu kwezoQoqoqosho ngokuBanzi
CAPEX	Ingxelo yeNkcitho Mali
CFO	Ingxelo yeNkcitho Mali
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D:ERM	ICandelo loLawulo loMngcipheko weShishini, iSebe leNkulumbuso
DPOCS	ISebe lokoNgamela lamaPolisa kunye noKhuselo loLuntu
DSAC	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
DOI	ISebe leZibonelelo
ECM	ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
EQPRS	INkqubo e-Elektroniki yokuNikwa kweNgxelo yoMsebenzi yaRhoqo ngeKota
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
ERMECO	ULawulo loMngcipheko weShishini kunye neKomiti yeeNqobo eziSesikweni
FMPPPI	siCwangciso-nkqubo sokuLawula iNgcaciso yokuSebenza kweNkqubo
MEC	ILungu leBhunga lesiGqebe [kwiPhondo]
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi
NAC	IBhunga leSizwe loBugcisa
NTR	IMithetho yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi kaRhulumente
PFMA	UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999
POPIA	UMthetho woKhuseleko IweNgcaciso yoMntu
PTI	IMiyalelo yeCandelo loLawulo-mali lePhondo
TID	INkcazeloyoMgqalisela woBuchule
UAMP	IsiCwangciso sokuLawulwa koMsebenzisi we-Asethi
VIP	OkuPhambili okuVuselelwanguMbomo
WCCC	IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

## 1. ISIGUNYAZISO SOMGAQO-SISEKO

ICandelo	UXanduva oluthe Ngqo IweKhomishini yeNkcubeko yeNt-shona Koloni
<b>UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996</b>	
ICandelo 30: Ulwimi kune nenkubeko	I-WCCC iququzelela amathuba ukulungiselela abantu baseNtshona Koloni ukuze basebenzise iilwimi zabo kune namalungelo enkcubeko ngeenkqubo neuprojekti ezimeleyo nezixhasayo.
ICandelo 31: Uluntu lwenkcubeko, lwenkolo kune noluntu lweelwimi	I-WCCC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo zayo neuprojekti ziyayihlonipha iyantlukwano kwinkcubeko yabemi baseNtshona Koloni.
Section 41: Imithetho-siseko yorhulumente wentseben-ziswano kune nobudlelwane boorhulumente	I-WCCC isebezisana nawo onke amasebe karhulumente ekwenzeni umsebenzi yayo.
IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo elawulwa ngentsebenziswano yiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo	<p><b>Imicimbi yenkcubeko:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>I-WCCC iseberga ngokubambisana neSebe leSizwe lezobuGcisa neNkcubeko kune nemibutho ebandakanyekayo kurhulumente amalunga nemicimbi yentsebenziswano yobugcisa, inkcubeko kune nemiba yelifa lemveli.</li> </ul>
ICandelo 81	<p>I-WCCC kufuneka yamkele kwaye iphumeze imigaqo-nkqubo ngamandla ukukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni, kubandakanya nemigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>ukukhuthazwa kokuhlonitshwa kwamalungelo enkcubeko, inkolo kune neelwimi zoluntu eNtshona Koloni; kune;</li> <li>ukukhuselwa kune nokulondolozwa kwembali yendalo, ezembali yenkcubeko, ubugcisa bezinto zakudala kune nelifa lemveli lolwakhwi IweNtshona Koloni ukuze kuxhamle isizukulwana esikhoyo nesizayo.</li> </ul> <p>I-WCCC iqinisekisa ukuba iDCAS ibonelela ngeemfuno zenkcubeko zoluntu IweNtshona Koloni njengoko kumiselwe ngumthetho.</p>
ICandelo 195: linqobo ezesikweni kune nemithetho-siseko elawula ukuphathwa kukarhulumente	Department of Cultural Affairs and Sport officials must adhere to the provisions of section 195, which provides a description of the democratic values and principles governing public administration. Section 195(1) (b) requires the promotion of the efficient, economic and effective use of resources. This implies that programmes undertaken in the public sector should yield maximum benefits at the lowest possible cost.
<b>UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 we-1998)</b>	
ICandelo 70	<p>Umhetho wephondo kufuneka ubonelele ngokusekwa kune nenkxaso- mali efanelekileyo, kwizibonelelo ezikhoyo kuRhulumente weNtshona Koloni, zebhunga lenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye oluntu kwiphondo abelana ngenkcubeko efanayo kune nelifa lemveli.</p> <p>Ubhaliso kune nenkxaso yamabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni inikwe umsebenzi wobhaliso kune nenkxaso, kumabhunga enkcubeko abhalisiwego. I-DCAS yongamela i-WCCC kwaye ibonelela iKhomishini ngenkxaso kulawulo nakwimali.</li> </ul>

## 2. IZIGUNYAZISO ZOWISO-MTHETHO NEZOMGAQO-NKQUBO

IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) yasekwa nguMthetho weKhomishini yeNkcubeko weNtshona Koloni kanye namaBhunga eNkcubeko, we-1998 (UMthetho we-14 we-1998). UKususela ngomhla woku-1 kuJuni 2001, iWCCC yadwelisa njengeShedyuli 3, eyinxalenye yecandelo C lequmrhu likarhulumente wephondo phantsi koMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999).

I-WCCC isebeanza kwizigunyaziso zowiso-mthetho nezomgaqo-nkqubo ezichazwe kwitheyibhile engasezantsi.

UMthetho	Isalathisi	Uxanduva olungundoqo IweWCCC
UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, we-1999	UMthetho woku-1 we-1999	I-WCCC ingenisa iingxelo zarhoqo ngekota nezonyaka malunga nokunikezelwa kwendlela yokusebenza kanye neengxelo zemali eziphicothiweyo ngokusekwe kwinjongo yeqhinga zezinto ekujoliswe kuzo zonyaka kunyaka-mali ngamnye.
UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kanye namaBhunga eNkcubeko, we-1998	UMthetho we-14 we-1998	Injongo zeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukulondoloza, ukukhuthaza nokupuhhlisa inkubeko eNtshona Koloni, ngokomgaqo- nkqubo omiselwe nguMEC (ilungu leKomiti yesiGqeba [yePhondo]). Isigunyaziso se-WCCC kukucebisa uMEC malunga nolondoloza, ukukhuthazwa nokupuhhlisa kobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthetho wama-2019 woBunkokheli beMveli namaKhoi-San	UMthetho wesi-3 wama-2019	Ezona njongo ziphambili zoMthetho zezi: Ukwenza isibonelelo sokunikwa kwengqwalasela kubunkokeli bamaKhoi-San; kudityaniswa koMthetho weNdlu yeeNkokheli zeMveli kwiSizwe, wama-2009, kanye noMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBunkokheli beMveli kanye noLawulo wama-2003: Ukujongana nezinye izithintelo kwimithetho ekhoyo: Ukwenza izilungiso ezifanelekileyo kweminye imithetho.
UMthetho wokuKhuthazwa koBulungisa kuLawulo, wama-2000	UMthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> <li>wandlala imigaqo kanye nezikhokelo ekufuneka zilandelwe ngabalawuli xa besenza iziggibo;</li> <li>ufuna abaphathi ukuba bazise abantu malunga nelungelo labo lokuphonononga okanye ukubhena kanye nelungelo labo lokucela izizathu;</li> <li>ufuna abalawuli banike izizathu zezigqibo zabo; kwaye</li> <li>unika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni kwizigqibo zabalawuli enkundleni.</li> </ul>
UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kwiNgcaciso, wama-2000	UMthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika ilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, ngamaziko karhulumente kanye namaziko a bucala. Phakathi kwezinye izinto iQumrhu kufuneka: <ul style="list-style-type: none"> <li>Liqulunqe incwadana yemigaqo echaza kumalungu oluntu ukuba angasifaka njani isicelo sokufikelela kwingcaciso egcinwe liziko;</li> <li>Liqeshe igosa lengaaciso ukuba liqwalasele izicelo zengcaciso egcinwe liqumrhu.</li> </ul>
UMthetho woKhuselo IweNgcaciso yoMntu	UMthetho 4 wama-2013	UMthetho ukhuthaza ukhuselo Iwengcaciso yomntu eqwalaselwa ngamaqumrhu karhulumente nawangasese; ukuqaliswa kwemiqathango ethile ukulungiselela ukuseka iimfu-no eziphantsi zokuqwalaselwa kwengcaciso yomntu.

UMthetho	Isalathisi	Uxanduva olungundoqo IweWCCC
UMthetho weSiko loLwaluko	UMthetho wesi-2 wama-2021	UMthetho unikezela ngolawulo olufanelekileyo lokwenziwa kwesiko lolwaluko; unikezela ngokusekwa kweKomiti yeSizwe yokoNganyelwa koLwaluko kanye neeKomiti zePhondo zoLungelelwaniso loLwaluko kanye nemisebenzi yazo; ukunikezela ngoxanduva, iindima nemisebenzi yabathathi-nxaxheba abahlukeneyo ababandakanyekayo kukwenziwa kolwaluko efana okanye kwimiba efana nemiba yolawulo aphi; ukunikezela ngolawulo olufanelekileyo lwezikolo zolwaluko; ukunikezela ngamagunya olawulo oMphathiswa neeNkulumbuso; ukunikezela ngokubekwa kweliso kumiliselo Iwalo Mthetho; ukunikezelwa kweempawu ezingafaniyo zephondo; nokunikezela kwimiba enxulumene noko.
Ukuhlaziya kwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo woBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli	2018	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elihlaziyiweyo lamkelwa yiKhabbinethi ngowama-2018 kulandelwa uVavanyo IweMpembelelo yoQoqosho IweNtlalo oluqhutywe yiSouth African Cultural Observatory. Landlala iinjongo zomgaqo-nkqubo ezisekelwe liqhingga lexabiso lobugcisa, lenkcubeko, kanye nelifa lemveli. Ijongene nohlanganiso olungenazo izithintelo zeNDP, uHambelwano IweNtlalo kanye neQhinga loLwakhiwo IweSizwe oluncheda kwiinjongo zombono neqhingga leDCAS.

### 3. IMIGAQO-NKQUBO YEZIKO NAMAQHINGA KWISITHUBA SOCWANGCISO SEMINYAKA EMIHLANU

UMgaqo-nkqubo	INkcazeloo
IMigaqo yokuZiphathe yaMalungu e-WCCC	Injongo ephambili yale Khowudi kukukhuthaza indlela yokuziphatha engumzekelo phakathi kwamalungu ukunikezela ngemfezeko kwiziko iWCCC.
UMgaqo-nkqubo wokuBhalisa kanye nokungaBhaliswa kwamaBhunga eNkcubeko	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngobhaliso Iwamabhunga enkcubeko ukumela abantu ababelana ngenkcubeko efanayo okanye ngelifa lemveli lolwimi. Inceda kumthethosiseko wentloniph, ukhulisa, ukuxhasa nokukhusela iyantlukwano kwinkcubeko eNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela. Lo mgaqo-nkqubo unceda iWCCC ekuchitheni ubhaliso Iwamabhunga enkcubeko xkukho izizathu ezifanelekileyo zokwenza oko.
UMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa kweZibonelelo zeNkcubeko	Ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo kuGunyaziwe oNika iNgxelo weWCCC ukulungiselela ukulawula ingeniso ngoqoqosho nangokusebenzayo kanye nokukhuthaza ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwee-asethi eziphantsi kolawulo IweKhomishini.
UkuNikezelwa kwamaGunya eWCCC	Ukunikezelwa kwamagunya akhutshwa liGosa eliNika iNgxelo ngokwemiqathango yecandelo 44(1) kanye nelama-44(2) loMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, we-1999.
IsiCwangciso-kqubo sokubonakalayo	UGunyaziwe oNika iNgxelo udingeka okokuba aphuhlise yaye avumelane nesicwangciso-nkqubo samanqanaba amkelekileyo okubonakalayo yaye kabalulekile kuGunyaziwe wesiGqeba kuthethwano nabaphicothi-zincwadi bangaphandle.
IsiCwangciso sokuThintela uBuqhetseba	Umgao-nkqubo ubonelela ngeendlela zokusabela kwinxelo yophando kanye nokusombulula izehlo zobuqhetseba ezichaphazela i-WCCC.
Ulawulo Iwabatyalayo	UGunyaziwe oNika iNgxelo kufuneka alawule abatyalayo kulungiselela ukusetyenziswa kwamaziko enkcubeko.
IMivuzo yamaLungu	Ukuquuzelela intlawulo kumalungu eWCCC atyunjwe okokuba azimase iinkomfa, iiprojekti, iintlanganiso kanye nocweyo egameni leKhomishini.

## UBume boMgaqo-nkqubo weSizwe

Umjikelo wocwangciso Iweqhinga Iweminyaka emi-5 ungenela unyaka wawo wokugqibela, yaye iWCCC izibophelele ekuncedeni kokuphambili kweqhinga njengoko kuchaziwe kwisikhokhelo somgaqo ekuqalekeni kwexesha elimiselweyo. linjongo zeqhinga zeKhomishini zilungelelaniswe kwisiCwangciso seSizwe soPhuhliso esixhibe ukubhangisa indlala nokunciphisa ukungalingani ngowama-2030. Okuphambili njengoko kuqulathwe kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiphakathi kuyilelwukukhkhela umgaqo-nkqubo neenkqubo kwisithuba seminyaka emihlanu. Iziphumo eziphambili ziqlatthe isixhenxe sokungundoqo okubandakanya okulandelayo:

- Ukwakhiwa korhulumente onekhono, onenqobo ezisesikweni nophuhlayo
- Inguqu yoqoqosho kanye nokuyilwa kwemisebenzi
- Imfundu, izakhono nempilo
- Ukuhlanganiswa komvuzo wentlalo ngokusetyenziswa kweenkonzo zesiseko ezithembekileyo nezilungileyo
- Ukuhlanganiswa kwestithuba, ukuhlaliswa kabantu kanye nomasipala
- Uhambelwano loluntu kanye neenginqi zoluntu ezikhuselekileyo
- I-Afrika engcono nehlabathi.

I-WCCC ngokusebenzia isigunyaziso sayo iya kuxhasa amalinge athi akhuthaze ubandakanyeko Iwentlalo kanye nempilo-ntle ukumilisela ukizingca nenkolelo kwikhono labantu lokuphumelela nangona kukho iingxaki. Kunyaka ozayo, iWCCC iya kuqhubeuka ukuba nenguqlelo yaye isebezisse ngokupheleleyo izibonelelo ezikhoyo. Intsebeniszano engaphezulu iya kuqualiswa kanye nemibutho yenkcubeko exhaswa ngemali kanye nemibutho yoluntu ukuyila amathuba okulungisa impilo-ntle nokuyila iindlela ezilungileyo ezilungiselelw abantu beNtshona Koloni.

Iqumrhu likarhulumente linikezele ngamaziko asixhenxe enkcubeko kumacandelo lokuyila nelenkcubeko kanye nemibutho yoluntu okokuba awasebenzisele imisebenzi eyahlukeneyo eya kuthi inikele kwimpilo-ntle yoluntu.

I-WCCC ikhokhelwa bubume bomgaqo-nkqubo wephondo yaye isekwe kwisiCwangciso sokuMilisela kweQhinga lePhondo (PSIP), esibandakanya

isiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) ngokunjalo nesiCwangciso soVuselelo. Isicwangciso sovuselelo sinemiba ephambili emithathu eyile:

- Ukukhula okulungiselelw iMisebenzi
- Ukhuselo
- IMpilo-ntle

Ukukhula kwabemi bephondo kulindeleke okokuba kukebe uxinzelelo olwangezelelwyo kwibango leenkonzo zikarhulumente. Ukukhuthazwa kobandakanyo Iwentlalo kuluntu kusasele kungumsebenzi obalulekileyo weWCCC. Njengoko luhula uluntu oluza ezidolphini, amaziko enkcubeko nawelifa lemveli anendima ebalulekileyo ekuphakamiseni inqanaba lolwazi nokupuhlis ingqiqo yokuba yinxalenyne ngokusetyenziswa iimbali ezibandakanyayo ezibonisa amava obom. I-WCCC iququzelele ukuhlangana ngokusetyenziswa kwenkxaso yamaBhunga eNkcubeko, imisebenzi yolwaluko nokunikezelwa kwezibonelelo kumaqela asesichengeni nemisebenzi yobugcisa neyenkcubeko.

I-WCCC, ngesigunyaziso sayo iya kuzama ukuxhasa amalinge aya kuthi aqinise indlela yokuziphatha elungleleyo, ikhuthaze ubandakanyeko Iwentlalo kanye nempilo-ntle, nokumilisela ukizingca kanye nenkolelo kwikhono labantu lokuphumelela nangona kukho iingxaki. Kunyaka ozayo, iWCCC iya kuqhubeuka ukuba nenguqlelo yaye isebezisse ngokupheleleyo izibonelelo ezikhoyo. Intsebeniszano engaphezulu iya kuqualiswa kanye nemibutho yenkcubeko exhaswa ngemali kanye nemibutho yoluntu ukuyila amathuba okulungisa impilo-ntle nokuyila iindlela ezilungileyo ezilungiselelw abantu beNtshona Koloni.

Kwsithuba seminyaka emihlanu iKhomishini iqhubekile ngokungaphelanga ngemisebenzi yayo ekuxhaseni iinzame eziqlatthe ukusasazeka kobhubhane nokuhlaziya kwakhona imisebenzi yayo emva kobhubhane kanye nokungundoqo. IKhomishini ivuselele ngokutsha ithemba kanye nembono yokunokuthi kwenzeke xa kujanyelwene nengxaki.

### 3.1 IZigwebo ezifanelekileyo zeNkundla

Azikho

## 4. UHLAHLELO LWESIMO

### 4.1 UHLahlelo IweSimo saNgaphandle

I-GDP yeNtshona Koloni yande nepesenti ezi-2.6 ngowama-2022, nangona kunjalo, kwisithuba seminyaka elishumi edlulileyo, iGDP eyiyo ngomntu ngamnye kwiphondo yehlile. Amanqanaba okukhula awavelisanga misebenzi yaneleyo ukulungiselela abasebenzi abandayo, oku kuwenze mandundu ngakumbi umba wentswela ngqesho kwaze kwachaphazeleka kakubi imigangatho engakho yokuphila (UVavanyo kwakhona loQoqosho IwePhondo neMbonakalo, 2023). Intlekele yombane ibe yengqongqo kakhulu ze yathintela kakubi ukukhula koqoqosho ze kwachaphazela kakubi ingqesho kumacandelo awahlukaneyo yaye ilindeleko okokube ithintele ngaphezulu ukukhula kwengqesho.

Izicwangciso zeKhomishini ziyithathela ingqalelo into yokuba isicwangciso seqhinga seminyaka emi-5 esiphela kulo nyaka nento yokuba imisebenzi yeWCCC inokuchatshazelwa kokundoqo okutsha. Ukucwangcisa ngokufanelekileyo kanye nenguqu, ikhomishini ibuthabathela ingqalelo ubume boqoqosho Iwendlalo, impembelelo yenguqu yesimo sezulu kanye nomlinganiselo wengqesho kwilizwe. Izibophelele kukulondolozwa, kukukhuthazwa nakupuhliso lobugcisa nenkcubeko kwiNtshona Koloni. IKhomishini iya kuqalisa ngokuvavanya ngokutsha amaqhinga ayo kanye nemisebenzi ukuqinisekisa ukusetyenziswa okupheleleyo kwezbonelelo okunembuyekezo enentsingiselokutyal-mali Iwemali nakabantu. Le APP isekwe kokuphambili kukarhulumente njengoko kuchazwe kwiMTSF yaye yakhiwe ngokubhekiselele ekufezekisweni kweminqweno yoMbono 2030.

#### EZOPOLITIKO

Kubaluleke kakhulu ukwamkelwa kweyantlukwano nokukhuthazwa kohambelwano Iwendlalo ngesithuba samaxesha okungaquiniseki. Ubugcisa nenkcubeko busoloko busetyenziselwa ukulungisa iimfuno zoluntu nokubonisa imingeni oluthi lujongane nayo. AmaBhunga enkcubeko abhalisiwego angama-34 adlala indima ebalulekileyo ekungcibenitubudlelwane nokukhuthaza unxibelewano kuzo zonke izizukulwana nakumaqela enkcubeko awahlukaneyo. Kuza kubakho unyulo kwisithuba salo nyaka yaye iKhomishini iyayiqonda into yokuba okungundoqo kunokutshintsha. I-WCCC iya kumilisela, ngoko, imisebenzi yayo iqinisekisa ngento yokuba uluntu luyafikelela kwizibonelelo zayo kanye neenkonzo ezilawulwa yiyo.

#### EZENDALO

limeko ezimbi zesimo sezulu kunya odlulileyo azinakungahoywa njengoko zichaphazela indlela amaziko asebenza ngayo. Ngenxa yeempembelelo yenguqu kwisimo sezulu, iWCCC kufuneka iqhubecka ngokuthabatha ukhuseleko olufanelekileyo Iwendalo ngokucwangcisa okwenziwe kwangaphambili kulungiselela ukhuseleko lombane nolwamanzi kumaziko enkcubeko. linguqu kwiipateni zesimo sezulu zinempembelelo kuhlahlo Iwabiwo-mali njengoko isibonelelo kufuneka senziwe sokulungiswa okungakho komonakalo wesichothe. Ngaphezulu, kukho impembelelo engummangaliso kwizibonelelo ezigugileyo yaye uhlahllo Iwabiwo-mali lusoloko luchatshazelwa ngumonakalo ongalindelwanga wesichothe.

#### EZENTLALO

Ukungalingani okusoloko kukhathaza uluntu Iwethu kunamacala maninzi. Intswela ngqesho, ukunyuka kwamaxabiso nokuhla kwexabiso lemali, izibonelelo ezingalunganga, kanye nobundlobongela obusekwe kwisini abunakho ukungahoywa. Amaziko avelelwekukukhula kobusela, obuthe bandisa imingcipheko yokhuselo nokhuseleko kubasebenzisi bamaziko kanye nabasebenzi. IsiCwangciso seQhinga sePhondo sowama-2020-2025 sicalula indlela ulawphulomthetho oluluchaphazele ngayo uluntu IweNtshona Koloni ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo. Inani elinyukileyo lemisebenzi yolaphulomthetho efana nobusela, ukuzingela okungekholmthethweni nokonakaliswa ngabom kumaziko kudinga ukufakelwa kwemiqathango yokhuseleko enobunkunkqelesukunciphisa umngcipheko. I-WCCC iya kuqinisekisa ngokhuseleko olwaneleyo kumazikooluya kuthi lunchede ngeendawo ezikhuselekileyo kulungiselela ukunikezelwa kweenkqubo ezithizakhe uhambelwano Iwendlalo nokukhuthazwa kophuhliso Iwabantu ekungahlomlwakubo ngendlelyokuziphatha.

#### EZETHEKNOLOJI

Njengoko itheknoloji iqbabela phambili, amaqonga amatsha onxibelewano noluntu ayafumaneka. Ubume bedijithali bukhula ngokukhawuleza njengoko kungqinwa kukusetyenziswa kwamaqonga entlalo ukulungiselela ukuthungelana, ukunxibelewana okanye ukufumana ingcaciso. La maqonga aya kusetyenziswa ukuthengisa ngokupheleleyo iqumrhu likarhulumente ngokunjalo namaziko enkcubeko

asixhenxe. Iinkonzo zeKhomishini ziya kuthengiswa ngamandla ukutsala iintlobo ezibanzi zabaxhamli kwiwebhu yayo kunye nenqubo ye-intanethi yokubukisha. Amanye amaziko axhotyiswe ngeWi-Fi ukuphucula unxibelelwano kunye nexesa lokuphendula ukwandise unikezelo Iwenkonzo olufanekileyo. UMabhalane we-WCCC usebenzisa amaqonga e-elektroniki ukuncokola nokwandisa unxibelelwano kunye nokugcinwa kwengcaciso kunye neefayile zeKhomishini. Oku kuqinisekisa ngocino olukhuselekileyo Iwengcaciso kulungiselelwa ulawulo lolwazi kunye neenjongo zokuphatha.

#### **EZOQOQOSHO**

Amaziko ethu awavelisi ngeniso inganelanga ngokwakaloku nje evela kwimisebenzi yawo ekhoyo, nangona enekhono enekhono lokutsala umdra wemarike ngokubanzi. Oku kukhokhelele okokuba iWCCC igunyazise ufundo lokufaneleka ukuqinisekisa ngekhono lamaziko okutsala abaxhamli abatsha nokwahlula-hlula ukusetyenziswa kwamazikoukulungiselela ukwandisewa kwemithombo engakho yengeniso. Amalinge amatsha nothelelwano kunye namanye amasebe karhulumente kunye namaqmrhu ayahlolwa ukuzama ukwandise ingeniso yamaziko. I-WCCC iya kujolisa ekuqiniseni intsebenziswano noomasipala abafanelekileyo kunye namalinge ecandelo loluntu ukulungiselela ukusetyenziswa kwezibonelelo ukwenzela impembelelo enkulu. Ufundu lokufaneleka lunikezelu ngeendlela nezindululo ezinokuthi zicamngcwé ukwandise usetyenziso Iwamaziko kulungiselelwa uzinziso Iwawo Iwexesha elide. Ukuhlaziya koMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa kweZiko leNkcubeko kunye nesakhiwo somrhumo kuya kuqhutywa kulo nyaka.

INkqubo eYandisiwego yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) lelinye lamaqhinga exesha eliphakathi ukuya kwelide likaRhulumente elijolise ekuyilieni amathuba emisebenzi. Inkqubo ye-EPWP izama ukulungisa ubungqongqo bobunzima boqoqosho kumakhaya ahluphekileyo. IKhomishini inikezelu ngendawo yokusebenzela kubaxhamli benkqubo ye-EPWP ekumaziko okokuba bafumane izakhono eziya kubenza beba nokuqesheka kwimarike yemisebenzi. Injongo yexesha elide yeyokuba abantu abangenangqesho bafumane ingqesho esigxina kwimarike yemisebenzi ze banikele ngamandla kuqoqosho Iwelizwe.

#### **EZOMTHETHO**

Inkqubo eLawulayo yoVavanyo IweMpembelelo iya kuqhutywa ukulungiselela ukuhlaziya komthetho

olawula iWCCC. Oku kuya kuqinisekisa ngento yokokuba isigunyaziso seWCCC similiselwa ngokufanelekileyo ukuphucula unikezelo Iwenkonzo. UMthetho weSiko loLwaluko ubonelela ngolawulo olufanelekileyo Iwezenzo zesiko lolwaluko. Ubonelele ngokusekwa kweKomiti yePhondo yoLungelewaniso LoLwaluko kunye nemisebenzi yaye ikhkhela ikomiti yolwaluko ekucebiseni isebe ngoMphathiswa, ngokuphathelele kuxanduva, iindima nemisebenzi yabathathi-nxaxheba abahlukaneyo ababandakanyekayo kwizenzo zolwaluko.

#### **4.2 UHlahlelo IweSimo saNga-phakathi**

I-WCCC iqulunqwe ngokwemiqathango yoMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni lunye namaBunga eNkcubeko, uMthetho 14 we-1998. Liqumrhu elisemthethweni yaye licebisa isebe, ngeMEC, ngemicimbi ephathelele kupuhhliso, ukukhuthazwa nokulondolozwa koBugcisa neNkcubeko kwiNtshona Koloni.

Ikhomishini ekhoyo iqulunqwe ngamalungu ali-12, aqeshwe ngomhla woku-2 kweyoMdumba wama-2022 isithuba seminyaka emithathu. Isithuba sawo sokusebenza siphaela ngomhla woku-1 kweyoMdumba 2025. I-WCCC iqulunqwe ngeekomiti ezintathu iKomiti yeBunga leNkcubeko, amaZiko eNkcubeko, kunye neKomiti ekuBhekiselelwa kuyo yoLwaluko. Ilungu leWCCC lisebenza njengommeli weNtshona Koloni kwibhodi yeSizwe yeBunga loBugcisa (NAC) - elityunjwe nguMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Ilungu lidlala indima yokucebisa neyokongamela ukuqinisekisa ngenqubo evulelekileyo, enobulungisa nephandle elungiselelwe abantu kunye neeNGO kulo lonke ilizwe ukufumana amathuba alinganayo ekufuneka iqwalaselwe kwinkxaso yemali ngurhulumente.

IKhomishini igxile ekunikeleni ngenkxaso ukuqinisa ikhona leziko leeforam zolwaluko kunye namabhunga enkcubeko.


Ulawulo IweWCCC kunye noxanduva olunxulumene nayo, luzinze kwiSebe neMicimbi yeNkcubeko kunye neMidlalo yaye luhethwe ngabasebenzi abaqeshwe isigxina yaye baxhaswa ngabaxhamli be-EPWP. Abasebenzi beDCAS balungisa onke amaxwebhu ohambelwano andingway ukulungiselela ingcebiso ngamalungu eKhomishini. Uhlahlo Iwabiwo-mali

luphathwa nguMlawuli oNcedisayo kune neYunithi yeNkxaso yeCFO. Zonke iinkqubo zeqhinga, zolawulo nezokuthenga ezidingeka kumaziko asixhenxe enkcubeko zilawulwa kwi-ofisi eyintloko. Ulongamelo lubonelelwa ziyunithi zoLawulo lwaNgaphakathi

nokuBekwa kweLiso noVavanyo ezikwisebe. Zihlola uhambelwano ze zinikezele ngeengcebiso ezinxulunyaniswe kwimisebenzi nokusebenza kweWCCC.

## UBUME BOMBUTHO

Uluhlu Iwezithuba zabasebenzi beziko luboniswe ngasezantsi:



## 5. INGCACISO YOMSEBENZI WENKQUBO YEZIKO

### INKQUBO: IKHOMISHINI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI

**INjongo:** Ukupuhuhliswa, ukukhuthazwa nokulondolozwa kobugcisa nenkcubeko.

Ngokuhlangeneyo nabachaphazelekayo, iKhomishini ibonelele kukukhuthazwa kwempilo-ntle yentlalo ngokubonelelwka kwamaziko enkcubeko anokuthi afumaneke kukubhukisha okwensiwa kwi-intanethi. UBugcisa neNKcubeke bunikela kwibhongo loluntu nobunini, yaye luxulunyaniswe kwimbonakalo yoluntu, kunye nempilo-ntle yentlalo. IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni iqinisekisa ngento yokuba abemi bephondo banamathuba alinganayo okonwabela ubume obuzolileyo obunikezelwa kumaziko enkcubeko. Abaxhamli abaninzi basebenzisa amaziko kumiliselo Iweenkqubo zabo zobugcisa, zenkcubeko, zemidlalo kunye nezezakhono zobomi zonke ezinikezela kwimpilo-ntle yabathathi-nxaxheba bazo.

IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

iyasabela kwimiba yehlabathi nemingeni yenginqi echaphazelabantu beNtshona Koloni. IKhomishini yamkela ubudlelwane boorhulumente ze isebezisane neSeBe leziBonelelo (DOI) malunga nololongo nophuhliso Iwezibonelelo kumaziko. Isifundo sokufaneleka siqhutyiwe ukuhlola ikhono lamaziko lokutsala abaxhamli abatsha kunye nokutshintshwa kokusetyenziswa kwamaziko ngenjongo yokwandiswa kwemithombo yengeniso.

